

Ubomi Bomnqophiso Omtsha



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Yohane 1:4; Yohane 5:24; Roma 3:24, 25; 2 Kor. 5:21; 1 Yohane 4:16; IsiTyh. 2:11; IsiTyh. 20:6, 14; IsiTyh. 21:8.

Indima Yenkumbulo:

“Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithiseleyo.” (*Yohane 10:10*).

Le ikota ibe isisifundo ngomnqophiso, okukuthi (ukuwubeka ngeyona meko yawo eyeyona ilula nenyulu) uThixo esithi, Yindlela le endiya kunisindisa ngayo esonweni, qha. Nangona isiphumo, esihle sona sokugqibela sesithembiso somnqophiso, sibubomi obungunaphakade emhlabeni owenziwa wabamtsha, phofu, asidingi ukuba siwulindele ukuze sonwabele iintsikelelo zomnqophiso omtsha namhlanje. INkosi ikhathala ngoku ngobomi bethu; ifuna sizuze okulungileyo ngoku. Umnqophiso awusiso isivumelwano esithile apho wenza oku noku noku kuze emva koko, phaya kude, ufumane umvuzo wakho. Imivuzo, izipho—ziziintsikelelo abathi abo bathi ngokholo bangene kulwalamano lomnqophiso babe nokuzonwabela apha ngoku. Isifundo sale veki, esokugqibela kolu luhlu lwethu lungomnqophiso, sikhangelwa kwezinye zeentsikelelo zangoku, ezinye zezithembiso eziza nobabalo lukaThixo oluthululwe ezintliziyweni zethu kuba, sakuba simvile enkqonkqoza, siye saluvula ucango. Phofu, zininzi nezinye iintsikelelo kunoko sinokukuchukumisa kule veki. Kanti ke, sisiqalo nje esi, isiqalo sento engasokuze iphele, ngokwenene.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Kutheni le nto kufuneka sizive sizaliswe luvuyo? Kungaziphi izizathu esinokuthi sisibange eso sithembiso? Yintoni engomnqophiso enokusikhulula kumthwalo wetyala? Kuthetha ukuthini ukuba nentliziyo entsha?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaJuni 26.*

Uvuyo

“Ezo zinto sinibhalela ukuze uvuyo lwenu luzaliseke” (1 Yohane 1:4). Khangela into eyabhalwa nguYohane apha. Ngamagama nje ambalwa nalula, uxela oko bekumele ukuba kokunye okuhle kakhulu thina, bantu bomnqophiso, esinako—kwaye oko sisithembiso sovuyo. SingamaKristu, sixelelwa rhoqo ukuba singenzi nto ngokwezivo, nokuba, sidinga ukukhula ngaphaya kwezivo, iimvakalelo, nangesimo sengqondo. Asikwazi ukuzikhanyela izivo zethu; esikudingayo kukuziqonda, sizinike indawo yazo ezifaneleyo, kuze kuthi kangangoko kunokwenzeka, sizigcine phantsi kolawulo. Kona ukuzikhanyela kukukhanyela ukuba kukuthini ukuba ngumntu (singasuka sixelele isangqa ukuba siyeke ukuba ngqukuva). Ngokwenene, njengoko isitsho le ndima, akwaneli nje ukuba sibe nezivo, (kule imeko uvuyo), kodwa kufuneka ziphelele. Kunzima ukuba kuvakale ngokungathi izivo kufuneka zikhanyelwe, akunjalo?

Funda le ndawo zibhalwe kuyo ezi ndima zingentla, uqala ekuqaleni kwesahluko. Yintoni uYohane awayeyibhalela amaKristu okuqala awayethemba ukuba iya kwenza luzale uvuyo lwawo? Kutheni kufuneka ukuba iwanike uvuyo?

UYohane wayengomnye we-12 lokuqala. Wayekho, phantse kwasekuqaleni kolungiselelo lukaKristu lweminyaka emithathu enesiqingatha, ezibona ngamehlo ezinye zezona zinto zimangalisayo zikaYesu (wayekho eMnqamlezweni, eGetsemane, nasekuMilisweni ngakumbi, uqobo). Ngoko ke, njengowazibonela ngamehlo, wayekufanele, ngokuqinisekileyo ukuthetha ngalo mba. Kanti ke, qaphela kwakhona, ukuba ucinezelo alukho kwisiqu sakhe; lukoko uYesu wakwenzela abafundi ukuze ngoku babe nolwalamano kungekuphela omnye nomnye kodwa noThixo ngokwaKhe. UYesu usivulele indlela ukuba singene kolu lwalamano lusondeleyo neNkosi; kwaye, esinye isiphumo soku kudlelana—olu lwalamano—luvuyo. UYohane ufuna ukuba bazi [abafundi] ukuba oko bakuvileyo ngoYesu kuyinyaniso (wabona, wachukumisa, wava [isivo], wamva [ngeendlebe]), kwathi ngenxa yoko nabo bakwazi ukungena kulwalamano olusazaliswe luvuyo kunye noBawo osemazulwini, owabathandayo wazinikela ngoNyana waKhe ngenxa yabo.

Ngandlela ithile, uYohane unika obakhe buqu ubungqina. Buthini obakho ubungqina ngokubhekiselele kulwalamano lwakho noYesu? Yintoni onokuyitsho enokunceda ukwandisa uvuyo lomnye eNkosini, njengoko ezama ukwenza njalo uYohane apha?

Ukuba Msulwa Etyaleni

“Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu; abangahambiyo ngokwenyama, abahamba ngokoMoya” (Roma 8:1). Kukhe kwabulawa intwazana ngolunya, umbulali wayo engaziwa. Amapolisa, enza isibatha, afihla engcwabeni layo i“microphone,” [umashini wokucholachola izandi]. Ngolunye urhatya, sekuziinyanga emva kokuba ifile, umfana oselula weza engcwabeni wathi, eguqile ekhala, wacela uxolo kule ntwazana. Amapolisa, awayecuphe amazwi wakhe, ambamba ngeso senzo. Yintoni eyaqubela lo mfana engcwabeni? Yayilityala, ingaba yintoni enye?

Phofu ke, akakho kuthi (siyathemba) owakha wayenza into embi njengaleyo yenziwa yiloo ntwana. Sonke sinalo ityala, sonke sizenzile izinto esineentloni ngazo, izinto esinga singazichitha okanye singazicima, esingakwaziyo phofu. Makubulelwe kuYesu negazi lomnqophiso omtsha, akakho kuthi okwaziyo ukuphila phantsi kolwamvila lwetyala. Ngokwendima yanamhla, akukho ukugwetywa ngakuthi. uMgwebi omkhulu usibalela ekuthini asinatyala, usithabatha njengokungathi asizenzanga izinto esiziva sinetyala ngazo.

Zisinceda njani ezi ndima ukuba siqonde ezi ndawo?: Roma 8:1? Yohane 5:24; Roma 3:24, 25; 2 Kor. 5:21.

Esinye sezithembiso ezikhulu zokuphila kulwalamano lomnqophiso noYehova sesokuba akusafuneki sibe saphila phantsi komthwalo wetyala. Ngenxa yegazi lomnqophiso, nathi—thina sanyula ukungena kolo lwalamano lomnqophiso noThixo, esinyula ukuthobela iimeko zokholo, inguquko, nokuthobela—sinako ukuwuthulwa umthwalo wetyala. Xa uSathana ezama ukusisebezela ezindlebeni esithi sibabi, sonakele, sinesono kakhulu ukuba singamkelwa nguThixo, sinako ukwenza oko uYesu wakwenzayo xa uSathana wayemhenda entlango: singacaphula isiBhalo, enye yezona ndima zilungileyo kuzo zonke enokucatshulwa ngumaRoma 8:1. Oku akuthethi ukubulandula ubunyaniso bobukho besono ebomini bethu; kuthetha, endaweni yoko, ukuba, ngenxa yolwalamano lomnqophiso esinawo noYehova, asisaphili phantsi kokugwetywa seso sono. UYesu wayikhupha intlawulo yesohlwayo endaweni yethu, kwaye ngoku umi phambi kukaYise engxengezeza ngelilelaKhe igazi ngenxa yethu, ebeka obaKhe ubulungisa endaweni yezono zethu.

Kwenzela mahluko mni ebomini bakho ukuba uYehova ekuxolele naziphi izono ezingaba wazenza? Obo bunyaniso bukunceda njani ekuphatheni abanye nabo abakonayo? Imele ukuba nagalelo lini indlela obaphatha ngayo abo bantu?

Umnqophiso Omtsha Nentliziyo Entsha

“Ukuba uKristu ahlale ngalo ukhoho ezintliziweni zenu, nendele nisekelwe eluthandweni, ukuze nithi, ndawonye nabo bonke abangcwele, nibe nako kanye ukubuqiqa into obuyiyo ububanzi, nobude, nobunzulu, nokuphakama kwalo, kwanokulwazi uthando lukaKristu oluncamise ukwazi; ukuze niye nizala ngako konke ukuzala kukaThixo” (Efese 3:17–19). Njengoko izifundo zokuqala kule kota zibonisile, umnqophiso omtsha ngulowo athi uYehova abeke kuwo umthetho ezintliziweni zethu (Yer. 31:31–33). Asingumthetho kuphela olapho, kodwa ngokweendima zanamhlanje, noKristu ulapho, naYe, into evakala kakuhle, kuba uKristu nomthetho waKhe kuhlangenwe ngokusondelelene kakhulu. Ngoko ke, ukuba umthetho kaKristu usezintliziweni zethu, noKristu ehleli apho naYe (igama lesiGrike eliguqulwe hlala kule ndima engentla, likwathetha “ukuzinza,” linika imbono yokuma unanini), sifika kwezinye iintsikelelo zomnqophiso omkhulu—intliziyo entsha.

Siyidinga ngokuba kutheni intliziyo entsha? Zinguqulelo zini eziya kubonakaliswa kwabo banentliziyo entsha?

Funda kwakhona indima yanamhlanje. Qaphela ukuba uPawulos ucinezela isiqalelo sothando, esithi kufuneka “lwakhelwe luzinze” kuso. La magama anika imbono ethetha ngokuma, ukuqina, nokungapheli kwisiseko sothando. Ukhoho lwethu aluthethi nto ukuba alumilanga ekumthandeni kwethu uThixo, nokuthanda abanye (Mat. 22:37–39, 1 Korinte 13). Olu thando aluphumi kwihamte. Ngokuchaseneyo, luphuma ngenxa sisithi tshazi uthando lukaThixo ngakuthi (“uthando oludlula konke ukuqonda”) njengoko lubonakaliswe ngoYesu. Isiphumo, ubomi bethu butshintshiwe, iintliziyo zitshintsiwe, sisuka sibe ngabantu abatsha abaneengcinga ezintsha, iminqweno emitsha, nemigomo emitsha. Kukusabela kwethu kuthando lukaThixo olutshintsha iintliziyo zethi ukuze kubethelele ukubathanda abanye. Mhlawumbi, yinto abethetha yona uPawulos, mhlawumbi ngexalenye, xa ethetha ngokuzaliswa kukuzala kukaThixo.”

Funda: 1 Yohane 4:16. Le ndima ihambelana njani noko kubhalwe nguPawulos kumaEfese 3:17–19?

Khangela kwiindima esizifundileyo namhlanje. Yintoni onokuyenza enokwenza ukuba izithembiso zezi ndima zizaliseke kuwe? Ingaba zikho izinto ekufuneka uzitshintshile, izonto, mhlawumbi, ezikuphazamisayo ukuba ungabi nako “ukuzala kukaThixo” (Efese 3:19)? Yenza uludwe lweenguqu ekudinga uzenzile ebomini bakho. Zenzele lube lunye kuze kuthi, ukuba ukhululekile, wenze olunye uludwe onokwabelana neklasi ngalo. Ningancedana njani ukwenza ezo nguqu?

Umnqophiso Omtsha Nobomi Obungunaphakade

“Ndim uvuko, ndim ubomi; lowo ukholwayo kum, nokuba ebethe wafa, wodla ubomi. Bonke abadla ubomi bekholwa kum abasayi kufa naphakade” (Yohane 11:25, 26). Mabini amacala kubomi obungunaphakade. Icala langoku elizisa kokholwayo ubomi obugqithisileyo ngoku (Yohane 10:10), obuquka izithembiso ezininzi esizinkelwe ubomi bethu bangoku. Icala lexesha elizayo, icala elo elibubomi obungunaphakade—sithembiso sokuvuka komzimba (Yohane 5:28, 29; Yohane 6:39). Nangona liseza, sisiganeko eso esenza ukuba yonke enye into ibufanele, isiganeko esinye esithwesa [isithsaba] onke amathemba wethu njengamaKristu.

Funda indima yanamhlanje. Uthini uYesu apha? Bufunyanwa phi ubomi obungunaphakade? Siwaqonda njani amazwi waKhe athi abo bamphilelayo bekholwa kuYe, nokuba bebethe bafa, baya [ngoku] abasayi kuze bafe [kwakhona]? (Bona: IsiTyh. 2:11; IsiTyh. 20:6, 14; IsiTyh. 21:8.)

Kakade, sonke siyafa, kodwa ngokukaYesu, oku kufa kukulala kuphela, ikhefu nje lomzuzwana—kwabo bakholwayo kuYe—eliza kuphela eluvusweni kobomi. Xa uYesu ebuya, abafileyo kuKristu baya kuvuka bengenakonakala, baze abalandeli bakaKristu abaphilileyo bathi, ngokuqhwanayaza kweliso, baguqulelwe kukungabi nakufa. Bonke abafileyo nabaphilileyo abangabakaKristu baya kuba nohlobo olunye lomzimba wokuvuswa. Ukungabi nako ukufa kuqala ngelo xesha kubantu bakaThixo. Uvuyo olungako ukwazi ukuba isiphelo sethu asikho engcwabeni kodwa silapho kungekho siphelo, nokuba siya kuba nobomi obutsha okuya kuqhuba ngonaphakade. “UKristu wabamnye ngenyama kunye nathi, ukuze thina sibe banye naYe emoyeni. Kungenxa yokuhle kolu manyano esiza kuba nako ukuphuma engcwabeni,—kungekuphela nje ekuvezweni kwamandla kaKristu, kodwa kungokuba, ngokholo, ubomi baKhe buthe babobethu. Abo bambona uKristu enjengokuba enjalo ngokwenene, baze bamamkele entliziyweni, banobomi obungunaphakade. KungoMoya athi uKristu ahlale ngaphakathi kwethu; kwaye uMoya kaThixo, xa amkelwe entliziyweni ngokholo, usisiqalo sobomi obungunaphakade.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 388.

Zeziphi iindlela esinothi ngazo ngoku sonwabele iintsikelelo zobomi obungunaphakade? Ngamanye amazwi, yintoni esiyenzelwa sesi sithembiso ngoku? Bhala phantsi ezinye zeentsikelelo ozinikwa sesi sithembiso sobomi obungunaphakade, wena ubuqu, kubomi bakho bemihla ngemihla. Ungalithabatha njani eli themba ulidlulisele komnye osedabini, mhlawumbi nokufa komntu amthandayo?

Umnqophiso Nokuthunywa

“Hambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga, nibabhaptizela egameni loYise, loNyana, loMoya Oyingcwele; nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwesele umthetho ngazo. Niyabona, mna ndinani yonke imihla, kude kube sekuphelisweni kwephakade eli” (Mat. 28:19, 20).

Kuwo wonke umhlaba, abantu bakholisa ukuba sengxakini athi umbhali waseSouth Africa uLaurens Van Der Post ayibiza ngokuthi ngu“mthwalo wamampunge.” Abantu bazifumana benesipho sobomi, kodwa abazi ukuba benze ntoni ngabo, abazi ukuba injongo yesi sipho yintoni, baye bengakwazi nokusisebenzisa. Kunje ngokunika umntu ithala leencwadi lizele ziincwadi ezinqabileyo, asuke umntu angazifundi iincwadi koko asuke azisebenzise ukuphamba imililo. Ilahleko engako yento exabiseke kangako!

KumKristu womnqophiso omtsha, phofu, loo ngxaki asinto abadinga ukuzamana nayo. Ngokuchaseneyo, abo bazaziyo (baza bazixhamla ubuqu) iindaba ezingumangaliso zoMsindisi owabethelelwayo wabuya wavuka, owafela izono zakhe wonke umntu kuyo yonke indawo ukuze bonke babe nobomi obungunaphakade, bayalwazi uvuyo. Xa kusetyenzwa ngobizo lukaMateyu 28:19, 20, okholwayo ngokuqinisekileyo unawo umsebenzi awuthunyiweyo nenjongo ebomini, oko ke kukusasaza emhlabeni inyaniso engummangaliso athe yena buqu wayixhamla kuKristu Yesu. Ilungelo elinako! Zonke ezinye izinto esizenzayo kulo mhlaba ziya kuphela xa lo mhlaba udlula. Kona ukuhambisa iindaba ezilungileyo kwabanye ngumsebenzi oya kubonakaliswa ngonaphakade. Thetha ngomoya wovangelo nenjongo!

Calula ezi ndima zanamhlanje kwiziqalelo zazo ezahlukeneyo. Zeziphi izinto ezithe ngqo uYesu asixelela ukuba sizenze, iyintoni ebandakanyeka kuyo nganye? Sithini isithembiso esinaso esinokusinika ukholo nokomelela kokwenza oko uKristu akuyalelayo?

NjengamaKristu omnqophiso omtsha, sinikwe imvume ecacileyo yiNkosi ngokwaYo. Nokuba singubani, nokuba umsebenzi wethu uyintoni ebomini, nokubasiphi singabanjwa yintoni, sonke singayidlala indawo yethu. Ingaba kukho into obuyenza? Ungakwazi ukwenza ngaphezulu? Ingenza ntoni iklasi yenu, kunye, ukuze nibe nendawo enkulu kulo msebenzi?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Abantu BakaThixo Behlangulwa,” amaph. 635–645, kwi-Imbambano Enkulu; “Ukuvuya ENkosini,” amaph. 115–126, kuManyathelo okuya kuKristu. “UNyana ongcwele kaThixo wayengenasono okanye izikhalo ezizezaKhe ukuba azithwale: wayethwele iintlungu zabanye; kuba kwabekwa phezu kwaKhe ubugwenxa bethu sonke. Ngovelwano lukaThixo wazihlanganisa nomntu, waza wathi njengommeli wohlanga wavuma ukuba aphantsi njengomgqithi womthetho. Ukhangele kumhadi wezikhalo ovulelwe thina zizono zethu, waza waceba ukuwuvula umsantsa wokwahlukana komntu noThixo.” Ellen G. White, *Bible Echo and Signs of the Times*, Aug. 1, 1892. “Yiza, mzalwana wam, yiza njengoko unjalo, unesono uncolile. Wubeke umthwalo wakho wetyala phezu kukaYesu, uthi ngokholo ubange okuhle kwaKhe. Yiza ngoku, logama isafumaneka inceba; yiza uvuma [izono], yiza ngomphefumlo otyumkileyo, uThixo uya kuxolela ngokukhulu. Ungaze ulidele elinye ithuba. Phulaphula izwi lenceba elikucengayo ngoku ukuba uvuke kwabafileyo ukuze uKristu akwazi ukukunika ukukhanya. Wonke umzuzu ngoku ubonakala ngokungathi uhlanganisa wena ngqo neziphelo zehlabathi elingabonwayo. Ngoko ke, ikratshi lakho nokungakholwa kwakho makungakukhokeleli kude kukwenze ukuba uyale inceba enikwayo. ‘Ukuvuna kudlule, ihlobo liphelile, thina ke asikasindiswa.’” — Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 5, p. 353.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. “Sizibona kulwalamano nendalo yonke,” wabhala watsho uFrancisco José Moreno, “kwaye siyakuqonda ukungazi nto kwethu nokungabi namandla kwethu ekugqibeleni; kungoko sinokungakhuseleki. Isiphumo soko, siyoyika.” — *Between Faith and Reason: Basic Fear and the Human Condition* (New York: Harper & Row, Publishers, 1977), p. 7.

Thelekisa le ntetho noko ukufunde kule veki kumaEfese 3:17–19. Xoxani ngomahluko phakathi kwezi ingcamango zimbini.

2. UThixo usithembisa uvuyo njengabakholelwa kuYesu. Ingaba uvuyo lunye nokonwaba? Ingaba kufuneka sihlale sonwabile? Ukuba akunjalo, ingaba kukho into engahambi kakuhle namava wethu obuKristu? Yintoni enokutyhilwa bubomi bukaKristu enokusinceda ukuba siziqonde iimpindulo kule mibuzo?

3. Xoxani ngakumbi ngale ingcamango yokuzaliswa “kukuzala kukaThixo” (Efese 3:19). Kuthetha ukuthini oko? Singaba nako njani oku ebomini bethu?

Isishwankathelo: umnqophiso awuyiyo ingcamango nje enzulu yokufunda ngoThixo; endaweni yoko, ucacisa imida yolwalamano lwethu noKristu olusindisayo, ulwalamano olusivunela okuhle okumangalisayo ngoku nasekubuyeni kwaKhe.